

Inenekazi lentaba

Amajoni amathathu adibana kwisiphambuka sendlela okokuqala. Omathathu ayesendleleni eya entabeni. Ajongana waza omnye wawo wathetha. "NdinguBuntu ndisuka kwilali engasempuma. Ndithunywe ngukumkani wam ukuya kufuna inenekazi lentaba," watsho.

Ijoni lesibini lathi, "Ndithunywe ngukumkani wam okwilali engasentla ukuba ndiyokukhangela inenekani lentaba. Igama lam nguLwazi."

"Mna ke ndinguKhathaza ndisuka kwilali esentshonalanga," latsho ijoni lesithathu. "Nam ndikweli phulo lifana nelenu."

Amajoni agqiba ekubeni ahambe kunye njengoko ayesiya kwicala elinye. Bahambisana yada yaphela indlela. Phambi kwabo kwakukho umwonyo omkhulu.


Libali likaPhumlani Mavimbela
Imifanekiso izotywe nguSimphiwe Mangole
Liguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi

"Masijikeleni ngaphaya komwonyo," watsho uBuntu.

"Kodwa oko kungasithatha iintsuku. Masicinge enye indlela," watsho uLwazi.


"Ikhona indlela," watsho uKhathaza. "abantu bam ziingcibi zokwakha yaye bandifundise into eninzi ngokwakha. Ngoncedo lwenu, ndingakha ibhulorho."

Amajoni aqokelela iziqobo neentsontela zomdiliya, aza encedisana akha ibhulorho eyomeleleyo. Aza anqumla ibhulorho aqhubekeka nendlela yawo.



Bahamba ixesha bada bayibona intaba isemgama ngaphambili.

Ngokuya besondela, uLwazi wakhawuleza phambi kwabanye. Zange ayibone inyoka endleleni. Wayinyathela yaza yamluma elunyaweni. Bathi uBuntu noKhathaza bakufika kuye ekugqibeleni, bamfumana ebhonga ziintlungu.



UBuntu wabaleka watshona etyholweni wabuya nesityalo awayesembile. "Abantu bam banesiphiwo solwazi lwezityalo," watsho. "Amaggabi esi sityalo aza kuyinqanda ityhefu ingatyhutyheli nzulu kwinxeba lakho." Wahlikihla amaggabi kwinxeba likaLwazi.

Emva kwexeshana uLwazi wayeka ukuncwina. "Ndiyabulela," watsho "iintlungu ziphelile." ULwazi wayengxivela, kodwa wayesakwazi ukuhamba, ngoko ke amajoni aqhubeaka nohambo lwavo.

Bahamba phantse imini yonke. Babesitsha, bediniwe yaye benxaniwe xa bafika kwiqula elimanzi acwengileyo emazantsi entaba. UKhathaza waba ngowokuqala ukubalekela kulo. Waguqa phantsi ukuba asele. ULwazi wamxhakamfula ngegxalaba wambuyisela umva.

"Ikho into engalunganga ngeli qula," walumkisa watsho uLwazi.

Kodwa uKhathaza wayenxanwe kakhulu kangangokuba wagoba ukuba asele amanzi. Ngesiquphe, kwathi gqi isandla emanzini samtsalela ngaphantsi. UBuntu noLwazi bazama ukumsindisa, kodwa abakwazi. Kwaza kwavela inenekazi eliselula.

"Linenekazi lentaba," wasebeza watsho uLwazi. "Masiguqe ukulibonisa intlonipho okanye nathi sakutsalewa equleni." Amajoni amabini aguqa phambi kwenenekazi.


"Bahambi," latsho, "ukuba nifuna ukuhlangula umhlobo wenu, kufanele nisombulule iqhina."

"Kuza kwenzeka ntoni ukuba soyisiwe?" wabuza uBuntu.

"Hayi kaloku, nakulandela umhlobo wenu," laphendula. "Senilungile?"

"Ewe, kunjalo," waphendula uLwazi. UBuntu wayesoyika kakhulu ukuba angathetha. "Ungaxhalabi! Abantu bam banesiphiwo solwazi," wasebezela uLwazi uBuntu.

"Ubusuku bam yimini yakho yaye imini yam bubusuku bakho," laqalisa inenekazi. "Ndinenyanga ndizelwe, kodwa ndinezigidi zeminyaka ndikho. Ndiyintoni?"



"Ndiyazi," watsho uLwazi. "Ukuba imini yakho bubusuku kuthi, loo nto ithetha ukuba ubonakala kuphela ebusuku. Uyinyanga. Inyanga kudala kakhulu yabakho."

Lanqwala inenekazi waza uKhathaza waphuma emanzini. Wayezele ngumbulelo ukuba ehlangulwe.



"Nifikile entaben iaye nizigqibile iimvavanyo. Ngoku ndiza kuvumela elowo kuni enze umnqweno omnye," latsho inenekazi.

Kwaqala uBuntu ukwenza umnqweno. "Ngalo lonke ixesha kukho isikhukhula, amanzi agquma umhlaba. Ndinqwenela ukuba izikhukhula zingapheza."

Kwalandela uLwazi. "Imbalelakazi itshabalalise izityalo zelali yam. Ndinqwenela imvula."

UKhathaza wathetha mgqibeli. "Abantu bam abakwazi ukutyala izityalo. Sinenyama qha yokuya. Ngoku abantwana bethu bayagula. Umnqweno wam ngowokuba usinike amasimi azele ziintloblo-ntlob zeziqhamo nemifuno."

Inenekazi lentaba lachopha elityeni lacinga ngeminqweno yamajoni. "Ngelishwa, andizukwazi ukuyizalisekisa



iminqweno yenu," latsho. "Kodwa nina ngokwenu ningayizalisekisa iminqweno yomnye komnye."

"Kodwa njani? Asinamilingo," wabuza uKhathaza.

"Anidingi milingo," laphendula. "Khathaza, wena nabantu bakho niziingcibi zokwakha. Ukuba ninokwakha umjelokazi, ningawakhokelela amanzi ezikhukhula kude namasimi abantu bakaBuntu. Lwazi, ukuba unceda uKhathaza, ungawukhokelela loo mjelo kumasimi enu naye aniyi kulinda mvula. Nakufumana amanzi emjelweni. Buntu, wena nabantu bakho ninesiphiwo solwazi lwezityalo. Ungafundisa uKhathaza indlela yokutyalu iziqhamo nemifuno eyahlukeneyo." Inenekazi lentaba lancuma. "Le yindlela engathi izalisekise ngayo yonke iminqweno yenu."

Njengoko amajoni ayephulaphule ngocoselelo kwinenekazi, aqonda ukuba kungani engadingi milingo. Afunda ukuba ayendinga omnye nomnye. Aqonda ukuba into eyayifuneka ukuze afumane oko ayekudinga yayikukusebenzisana, njengoko ayenzile kwindlela enyukayoeya entaben.

Ngako oko ke abantu beelali zontathu bandedana baza bonke baphumelela.

Yenza ibali linike umdla!

Nazi iingcebiso onokuzisebenzisa kwibali elikwiphepha loku-1 kuye kwele-3 nabantwana eklasini yakho na-/okanye kwiklabhu yokufunda. Khetha iingcebiso ezilungelana neminyaka nemidla yabantwana.

- ★ Phambi kokuba ulifunde ibali, phumaniphandle nabantwana niye kudlala umdlalo. Udinga into ekulula ukuyijula nokuyinqaga efana nebhola okanye ingxowa yeembotyi. Cela kubekho ivolontiya libe yingonyama efuna ukubamba abantwana. Xa umdlalo uqala, wonke umntu uyabaleka ejikeleza kule ndawo inengonyama ezama ukubamba omnye wabo. Bakhuselekile kuphela xa bephethe ibhola okanye ingxowa yeembotyi, ngoko ke abantwana kufuneka bephoselene ngokukhawuleza xa bebona ingonyama ileqa omnye wabo. Emva komdlalo, chaza ukuba uza kubafundela ibali elibonisa ukubaluleka kokusebenzisana, ngolu hlolo bebesenza ngalo emdlaweni.
- ★ Emva kokuba ulifundile ibali, xoxani ngemibuzo efana nale.
 - Amajoni afunda isifundo esithini?

- Nicinga ukuba ijoni lilodwa ngelalikwazile ukufikelela kwinenekazi lentaba ngokunokwalo? Ukuba kunjalo, ngoba/ukuba akunjalo ngoba?

- ★ Cela abantwana bacebise ngezinye izihloko zebali.
- ★ Xoxani ngentsingiselo yemiqondiso eyahlukahlukaneyo, umzekelo, abantwana bacinga ukuba igqabi eliluhlaza, ingonyama okanye isikhova zinokuba yimiqondiso yantoni. Bacinga ukuba imibala emsobo, eluhlaza okwengca nezuba ibonisa ntoni? Ngoku yitsho abantwana bakhele ijoni ngalinye iflegi besebenzisa imibala nemiqondiso ebonisa into abantu balo abanobuchule kuyo.
- ★ Cebisa abantwana ukuba bacinge ngento esendalweni ukuze benze ngayo iqhina. (Umzekelo: Ulahla umphandle upheke umphakathi. Uze utye umphandle ulahle umphakathi. Ndiyintoni? Impendulo: Umbona). Xa begqibile, mababelane nabanye ngamaqhina abo bazame ukuqashela iimpendulo.

Malunga neprojekthi yeStory Powered Schools

UNAl'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabiso nokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda.

IStory Powered Schools liphulo eliyimvelatanci lenkqubo ezisa indlela yokupuhlisa ilitheresi yephulo likaNAl'ibali lokufundela ukuzonwabiso kwizikolo zasemaphandleni ezikwiphondo laseMpuma Koloni nelaKwaZulu-Natala. Eli phulo liqinisekiswe liSebe lezeMfundu, yaze inkxaso-mali yokulixuma yanikezelwa yiUnited States Agency for International Development (iUSAID).

Izikolo ezithatha inxaxhela kwiprojekthi yeStory Powered Schools zizimisele ukuvuselela oko abafundi banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Zisebenzisa amandla amabali ukukhuthaza abafundi ukuba bafune ukufunda nokubhala.

